## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

   ICANDELO A: Izincoko: (50)
   ICANDELO B: Imihlathi: (2 x 25) (50)

   **QAPHELA:** Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kweli candelo.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390 kwisincoko ngasinye.

1.1 Uthe akundibona … **[50]**

1.2 Ifuthe lokutshintsha kwemozulu. **[50]**

1.3 Igalelo lolutsha kuqoqosho. **[50]**

1.4 Akukho silo singagqumiyo kowaso umngxunya. **[50]**

1.5 Iziphumo zezenzo zolwaphulo-mthetho zoonqevu namaqela emigulukudu. **[50]**

1.6 Xa ndinokuba nezakhono zokusebenzisa ikhompyutha. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-Intanethi www.iol.co.za] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ucele iingcebiso ngamakhondo omsebenzi onokuwalandela. **[25]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta esesikweni eya kumhleli. **[25]**

2.3 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba ngokuphathwa gadalala kwabantu abadala abahlala bodwa. **[25]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala irivyu yefilim. **[25]**

2.5 **INTETHO ENGEKHO SESIKWENI**

Inkxaso-mali ekhutshelwe abafundi kumaziko emfundo aphakamileyo ithe xhaxhe.

Bhala intetho engekho sikweni. **[25]**

2.6 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**